



## Eyona ndlela iyiyo esa empumeletweni esikolweni nasebomini

Ukufunda yenye yezona zinto zibalulekileyo umzali okanye umgcini wabantwana anokuzifundisa abantwana bakhe. Amabali ondla iingqondo zethu kwaye asenza sibe nomonde, sikwazi ukuzibamba kwaye sibe novelwano. Amanye amabali asifundisa nezinto ezibalulekileyo. Kodwa ke kumnandi kwaye yinto oomama nootata nalo lonke usapho olunokukuvuyela ukuyenza kunye.

- ★ **Ukufunda kusenxa sikwazi ukuba nombono wezinto.** Xa umntwana emamela okanye efunda amabali, usebenzisa amagama abhalwe ngumbhali ukuze "abe nombono" welo bali engqondweni yakhe.
- ★ **Ukufunda kusenxa sibe nobuntu obuhle.** Xa abantwana becingisisa ngeengxaki ekuthethwa ngazo ebalini nangendlela yokuzisombulula, bafunda ukucinga ngeemvakalelo zabantu abakwelo bali. Loo nto ibafundisa indlela yokubonisa uvelwano kubantu abadibana nabo kubomi babo bemihla ngemihla.
- ★ **Ukufunda kukhuthaza abantu bazikise ukucinga.** Xa abantwana belandela iingcinga zombhali ngononophelo, maninzi amathuba okuba bakhumbule nezinye izinto abazivileyo okanye abazifundileyo.

- ★ **Hlala uneencwadi ekhayeni lakho.** Yenza ikona yokufunda kuso nasiphi isithuba esincinci esikhoyo. Abantwana bakho mabakubone ufunda iincwadi.
- ★ **Phinda uyifunde.** Funda iincwadi nemibongo ethandwayo kaninzi kangangoko umntwana wakho efuna. Loo nto iza kubenza baliqonde nangakumbi elo bali namagama asetyenzisiweyo.
- ★ **Funda naphi na yaye nangaliphi na ixesha.** Gcina iincwadi ezimbalwa ebhegini ukuze abantwana bakho bazifunde xa nilinde ibhasi okanye iteksi, okanye ekliniki. Uhlelo lwamabali lakwaNal'ibali lingayenza kakuhle loo nto!
- ★ **Yenza ukufunda kube sisiqhelo.** Yibani nexesha lokufunda xa intsapho ikunye njengaxa ilixesha lesidlo.
- ★ **Ukufunda nokubhala ngumtya nethunga.** Khuthaza abantwana bakho ukuba babhale, nokuba ngamagama abo, izinto eniyokuzithenga, okanye babhale ngosuku lwabo. Kubantwana abangekakwazi ukuzibhalela, bhala loo nto bakuxelela yona uze emva koko ubafundele yona.

## The best start to success in school and life

Reading is one of the most important things that a parent or caregiver can teach their children to do. Stories feed our brains and build patience, self-control and empathy. Some stories can also teach us valuable lessons. But it's also fun and something moms, dads and the whole family can enjoy doing together!

- ★ **Reading develops imagination.** When children listen to or read stories, they use the writer's words as clues to "see" the story in their minds.
  - ★ **Reading builds good character.** When children think carefully about the problems in the story and how to solve them, they learn to consider the feelings of the characters in the story. That teaches them to show empathy for people they meet in their daily lives.
  - ★ **Reading encourages deep thinking.** When children follow a writer's thoughts carefully, they are more likely to remember other things that they have heard or read.
- ★ **Keep books in your home.** Set up a reading corner in any small available space. Let your children see you reading books.
  - ★ **Read it again.** Read favourite books and poems as often as your child wants. This deepens their understanding of the story and the words used.
  - ★ **Read anywhere at any time.** Keep a few books in a bag for your children to read when you are waiting for a bus or taxi, or at the clinic. The Nal'ibali story supplement is perfect for that!
  - ★ **Create a reading routine.** Make time to read when the family is already together like at mealtimes.
  - ★ **Reading and writing go together.** Encourage your children to write, whether it's their name, a shopping list or something about their day. For children who cannot yet write on their own, write what they tell you and then read it back to them.

## Kuthekani ngeentsana nabantwana abancinci?

- ★ **Qala besebancinci.** Ungalufundela usana lwakho ngaphambi kokuba luzalwe! Kwakhona, babalisele amabali aqho, naphi na yaye nangaliphi na ixesha.
- ★ **Makube mnandi!** Sebenzisa amazwi ahlukileyo xa ubalisa naxa ufunda amabali. Yakha izicengelezo. Balathise imifanekiso uze uthethe ngayo.
- ★ **Thetha nabantwana bakho.** Balathise uze uchaze amagama ezinto eziningqongileyo. Abantwana baye bawaqonde ukuba athetha ntoni amagama nangaphambi kokuba baqalise ukuthetha.

## What about babies and toddlers?

- ★ **Start early.** You can read to your baby before he or she is born! Also, tell stories often, anywhere and at any time.
- ★ **Have fun!** Use different voices when telling and reading stories. Make up rhymes. Point at and talk about pictures.
- ★ **Talk to your child.** Point at and name things in your surroundings. Children understand the meaning of words even before they start talking.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.

## Indlela yokwenza kubekho izinto ezininzi eziprintiweyo kubantwana bakho

Aa Bb Cc  
1 2 3

## How to create print-rich environments for children

Indawo enezinto ezininzi eziprintiweyo yindawo, enjengekhaya, apho kukho izinto ezahlukene eziprintiweyo ezifana neesayini, izaziso, iintengiso, iimagazini, amaphephandaba, iincwadi, iipowusta, iileta, amakhadi njalo njalo. Ingazezolwimi olunye okanye ezeelwimi ezimbini okanye ngaphezulu.

Kulula ebantwaneni ukufunda ukulesa nokubhala kwimeko enezinto ezininzi eziprintiweyo. Ibabonisa ukuba ukufunda nokubhala kungasetyenziswa entwenini, ibe kuxhomekeke kuthi thina bantu badala abagcina abantwana ukubabonisa indlela yokwenjenjalo.

Ukuba abantwana babona abazali babo bevula isithuba nexesha lokufunda nokubhala, nabo baza kukuxabisa. Nanga amanye amacebiso endlela yokwenza kubekho izinto ezininzi eziprintiweyo.


A print-rich environment means a place, like a home, that has a variety of printed materials like signs, notices, advertisements, magazines, newspapers, books, posters, letters, cards, and so on. These may be in one language or in two or more languages.

It is easier for children to learn to read and write in a place that has a lot of printed material in it. It shows them what reading and writing can be used for, and it is up to us as adult caregivers to show them how.

If children see their parents making space and time for reading and writing, they will place value on it. Here are some ideas for making a print-rich environment.

### Iipowusta

- ☉ Zenzele iipowusta usebenzisa imizobo okanye imifanekiso evela kwiimagazini nakumaphephandaba amadala. Ungabhala umyalezo okanye islogeni sakho ngolwimi olunye, ngeelwimi ezimbini okanye ngezingaphezulu.
- ☉ Yenza iipowusta ezinezicengcelezo, iingoma namaqhina ngeelwimi ezingafaniyo. Cela abantwana bakho nabanye abantu abadala bakunike amacebiso uze usebenzise izicengcelezo, iingoma namaqhina owaziyo.
- ☉ Hombisa ngeepowusta kwindawo abantwana bakho abaza kuzibona lula kuzo. Ukhumbule ukuman' uziitshintsha ufake ezahlukileyo qho ukuze abantwana bakho bangadikwa zizo.
- ☉ Khuthaza abantwana bakho ukuba bazenzele ezabo iipowusta baze bahombise ngazo nangezo bazenza esikolweni.
- ☉ Khuthaza abantwana bakho bazifunde baze baphinde bazifunde iipowusta bebodwa okanye kunye nangezo nabahlobo babo.




### Posters

- ☉ Make your own posters by using drawings or pictures from old magazines and newspapers. You can write your own message or slogan in one, two or more languages.
- ☉ Make posters with rhymes, songs and riddles in different languages. Ask your children and other adults for ideas and use rhymes, songs and riddles that you know.
- ☉ Display posters where your children can see them easily. Remember to replace them with different posters regularly so that your children do not become bored by them.
- ☉ Encourage your children to make their own posters at home and to display them as well as those they make at school.
- ☉ Encourage your children to read and reread the posters by themselves or with friends.

### Iitshathi zeealfabhethi

- ☉ Iitshathi zeealfabhethi zenza abantwana bakho babone oonobumba ababumba amagama. Nceda abantwana bakho badibanise unobumba nesandi sakhe.
- ☉ Zoba umfanekiso kunobumba ngamnye. Loo mfanekiso ufanele ube ngowento enalo nobumba ekuqaleni kwegama.
- ☉ Cela umntwana enze umfanekiso wealfabhethi wakhe esebenzisa unobumba wokuqala wegama lakhe.



### Alphabet charts

- ☉ Alphabet charts let your children see the letters that make words. Help your children to match sounds to the letters.
- ☉ Draw a picture for each letter. The picture should be of something that has the letter at the start of the word.
- ☉ Ask each child to make an alphabet picture of themselves using the first letter of their name.

### Mazibe ninzi izinto zokufunda

- ☉ Gokelela amaphephandaba, iimagazini, iikhathaloku zeevenkile zegrosari, amaphetshana enkcazelo namakhadi akudala emibuliso. Abantwana bangazifunda, bazisebenzise xa belinganisa amabali okanye bazisike xa bezenzela amakhadi neepowusta.
- ☉ Cela abahlobo namalungu entsapho ukuba anikele ngenchwadi okanye baphise ngenchwadi.



### Lots to read

- ☉ Collect newspapers, magazines, grocery store catalogues, information pamphlets and old greeting cards. Children can read them, use them as props to act with or cut them up when they make their own cards and posters.
- ☉ Ask friends and family members to donate a book or give a book as a gift.

### Mababone kuwe

- ☉ Bafundele kwaye ufunde nabo abantwana bakho. Xa bebona ukuba kumnandi kuwe ukufunda, nabo baza kumandelwa kukufunda.
- ☉ Babhalele kwaye ubhale nabo abantwana bakho. Zama ukubabhalela iinowuthi uzibeke endlwini ezibakhumbuza ukuba benze imisebenzi yabo, enjengokuhlamba izitya.

### Be a role model

- ☉ Read to and with your children. When they see you enjoying it as something fun to do, they will do it too.
- ☉ Write for and with your children. Try leaving short notes around the house reminding them to do their chores, like washing the dishes.



Drive your  
imagination

### Nal'ibali othandekayo

Ndisekhaya kunye nomntwana wam oneminyaka emihlanu ubudala. Ndiyamfundela amabali, kodwa ndicela nindicebise ukuba ndilandelise ngantoni ngoku. Ndinexhala lokuba akenzi zinto zaneleyo kuba akakabi kwiziko le-ECD.

*NguBettany, eSpringbok*

### Bettany obekekileyo

Wenza kakuhle kakhulu ngokufundela umntwana wakho! Ungazama enye yezi zinto emva kokuba nifunde ibali kunye.

- ★ Mculele ingoma okanye uthethe wenze isicengelezo esinxibelelene nelo bali. Ungaziqambela ingoma okanye sicengelezo sakho.
- ★ Mbuze imibuzo ngelo bali njengothi, "Ubuza kuziva njani ukuba ibinguwe?," "Ucinga ukuba ilungile le nto ayithethileyo/ayenzileyo?"
- ★ Mcele azobe umfanekiso wendawo ebalini ayithanda kakhulu okanye yabantu abathandayo abakwelo bali.
- ★ Linganisani elo bali okanye inxalenye yalo kunye naye. Okanye, nxibani nize nizenze ngathi ningabantu ekuthethwa ngabo kwelo bali kangangexeshana.

Qhubeka ufunda olu hlelo ukuze ufumane amacebiso angakumbi ngendlela yokwakha ubuchule bomntwana wakho bokufunda nokubhala!

*Iqela LakwaNal'ibali*

### Dear Nal'ibali

I am at home with my five-year old child. I read stories to him, but I need advice on what to do next. I'm worried that he doesn't do enough things because he's not at an ECD centre.

*Bettany, Springbok*


### Dear Bettany

You are doing very well by reading to your child! You can try doing one of these things after you have read a story together.

- ★ Sing a song or say a rhyme linked to the story. You can also make up your own song or rhyme.
- ★ Ask him questions about the story like, "How would you feel if that was you?", "Do you think that was the right thing to say/do?"
- ★ Ask him to draw a picture of the part of the story he liked best or of his favourite characters.
- ★ Act out the story or a part of it together. Or, just dress up and pretend to be the story characters for a while.

Keep reading the Nal'ibali supplement for more ideas on how you can support your child's literacy journey!

*The Nal'ibali Team*



## Nal'ibali othandekayo ... Dear Nal'ibali ...

### SIBHALELE! WRITE TO US!

The Nal'ibali Supplement  
The Nal'ibali Trust  
2 Dingle Avenue  
Kenilworth  
Cape Town  
7708  
Western Cape  
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)



### Nal'ibali othandekayo

Andazi ukuba ndithini ukuze intwazana yam eneminyaka esithoba ikonwabele ukufunda. Kunzima kuyo ukufunda esikolweni kwaye ayifuni kufunda xa isekhaya.

*NguCornell Williams, eGoodwood, eKapa*

### Cornell othandekayo

Xa kunzima emntwaneni ukufunda, akanakufane afunde ngexesha lakhe angenzi nto ngalo. Zama ukufumana iindlela zokuba intombi yakho ive ubumnandi beencwadi namabali kungakhange kufuneka ifunde yodwa. Ngokomzekelo, mfumanele iincwadi ezinemifanekiso engenamagama. Makamamele amabali. (Ungawafumana amabali arekhodiweyo kwiwebhusayithi ethi [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Bukela naye umboniso bhanya-bhanya osekulwe encwadini uze ucebise ukuba niyifunde kunye loo ncwadi. Siqinisekile ukuba uza kuthabatheka ziincwadi kungekudala.

*Iqela LakwaNal'ibali*

### Dear Nal'ibali

I don't know how to get my nine-year-old daughter to read for pleasure. She struggles with reading at school and so she doesn't want to read at home.

*Cornell Williams, Goodwood, Cape Town*

### Dear Cornell

When reading is difficult for children, they are less likely to read in their spare time. Try to find ways for your daughter to experience the joy of books and stories without having to read on her own. For example, find wordless picture books for her. Let her listen to stories. (You can find audio stories on [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)). Watch a movie based on a book together and then suggest reading the book together. We're sure that she'll get hooked on books in no time.

*The Nal'ibali Team*




## Indlela yokusebenzisa amabali ethu ngeendlela ezahlukeneyo

1. **Balisela umntwana wakho ibali.** Lifunde ibali uze uziqhelise ukulibalisa. Emva koko sebenzisa ilizwi, ubuso nomzimba wakho ukuze ubenze baphile abalinganiswa belo bali.
2. **Mfundele ibali umntwana wakho.** Ncokolani ngemifanekiso. Buza, "Ucinga ukuba kuza kwenzeka ntoni emva kwale?" okanye "Ucinga ukuba uye wathini okanye wenza ntoni lo mlinganiswa?"
3. **Funda ibali kunye nomntwana wakho.** Tshintshisanani ngokufunda ibali. Ungamlungisi xa ephazamile, uze umncede kuphela xa ekucelile.
4. **Mamela umntwana wakho xa efunda.** Mamela ungamphazamisi. Mxelele ukuba uyakuthanda ukummamela xa ekufundela ngokuvakalayo.
5. **Yenzani izinto ezikwindawo ethi Yenza ibali linike umdla!** Ukwenza ezo zinto nabantwana bakho kuza kuba mnandi kuwe nakubo.

## How to use our stories in different ways

1. **Tell the story to your child.** Read and practise telling the story. Then use your voice, face and body to bring the story to life.
2. **Read the story to your child.** Talk about the pictures. Ask, "What do you think happens next?" or "Why do you think the character said or did that?"
3. **Read the story with your child.** Take turns to read the story together. Don't correct their mistakes, and only help if they ask for it.
4. **Listen to your child read.** Listen without interrupting. Say that you enjoy hearing them read aloud to you.
5. **Do the Get story active! activities.** This should be fun for you and your child.



Drive your  
imagination



## Inqaku elibhalelwe abagcini babantwana ngokukhethekileyo

### A feature especially for caregivers of young children

**Mama, Tata, Makhulu, Tamkhulu, Bhuti noSisi, Mmelwane, Anti noMalume Othandekayo**

Ukunyamekela abantwana ngomnye weyona misebenzi ibalulekileyo nenzima ehlabathini.

Siyazi ukuba ufuna okona kulungileyo kubantwana bakho kwaye wenza konke okusemandleni akho ukuze ubagcine bekhuselekile, befudumele, behluthi kwaye besempilweni.

Iingcali zokukhula kwabantwana zisixelela ukuba simele senze okungakumbi. Zithi simele sikhuthaze abantwana bethu ukuba banxanelwe ukwazi izinto kwaye bakufune ukufunda.

Abantwana abancinci kufuneka:

- Bazithembe ekusebenziseni amagama amaninzi
- Bafunde ukuthanda ukuthetha nokumamela
- Bazithande iincwadi nolwimi lwabo lweenkobe.

Khawujonge eli **Vili Lobuchule Bokufunda Nokubhala** limangalisayo ukuze ufunde ngendlela onganceda ngayo umntwana wakho.

- Qala namhlanje ngoNombolo 1.
- Sika uze wenze incwadi ethi, **Ithoyi elahlekileyo**.
- Yinike abantwana bakho nize nincokole ngayo.
- Yigcine ikhuselekile kwithala lekhaya lakho.

Kuza kubakho imisebenzi, izinto nobumnandi kuhlelo ngalunye kuwe nakwintsapho yakho!

Imizuzu embalwa nje suku ngalunye ingenza umahluko OMKHULU!

**Dear Mother, Father, Grandmother, Grandfather, Brother and Sister, Neighbour, Aunty and Uncle**

Caring for children is one of the most important and most difficult jobs in the world.

We know you want what is best for your children and that you do everything you can to keep them safe, warm, fed and healthy.

Specialists in children's development tell us that we need to do even more. They say we must encourage our children to become curious and active learners. Young children must:

- Build confidence to use many words
- Learn to enjoy talking and listening
- Develop a love for books and their home language.


Look carefully at this wonderful

**Wheel of Literacy** to learn how you can help your child.

- Start today with Number 1.
- Cut out and make the book, **Lost toy**.
- Share and discuss it with your children.
- Keep it safely in your home library.

There will be new activities, resources and lots of fun in each supplement for you and your family!

Just a few minutes a day can make a **BIG** difference!



**Dawunlowuda i-Wordworks app simahla kwi-Playstore ukuze ufumane okungakumbi!**

Download the free Wordworks app from the Playstore for so much more!



**Yandisa ithala lakho leencwadi.**

**Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine**

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



**Grow your own library.**

**Create TWO cut-out-and-keep books**

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



Drive your  
imagination



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)



### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wethoyi oyithandayo.
- ★ Ucinga ukuba kutheni le thoyi iye yatsiba yaphuma ebhegini yalo sisi?
- ★ Bhala izivakalisi okanye iziqendu ezimbalwa eziza kuhamba nemifanekiso yeli bali. (Bazali, ncedani abantwana abancinci ngokubabhalela loo nto bangathanda ukuyibhala. Bafundeleni into eniyibhalileyo ukuze batsho ukuba yiyo na le bafuna ibhalwe!)

### Get story active!

- ★ Draw your favourite toy.
- ★ Why do you think the toy jumped out of the lady's bag?
- ★ Write a few sentences or paragraphs to go with the pictures in the story. (Parents, please help younger children by writing what they would like you to write. Read what you have written back to them so they can tell you whether it is what they wanted!)

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

## Ithoyi elahlekileyo





### Lost toy


Sam Beckbessinger • Amy Slatem  
• Natalie Pierre-Eugene

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Yeyiphi eyona thoyi uyithandayo ngoku okanye yeyiphi eyona thoyi wawuyithanda usemncinci? Ngaba wakha walahlekelwa yinto oyithanda kakhulu? Siziva njani xa silahlekelwa zizinto zethu okanye xa abanye abantu beziba?

**Ideas to talk about:** Do you have a favourite toy now, or what was your favourite toy when you were younger? Have you ever lost something that you loved very much? How do we feel when we lose our things or when other people steal them?



“...and I am Love,” said the third.  
 “... mna ke ndingu Thando,” itshilo eyesithathu.



“I am Wisdom,” said the second.  
 “Mna ndingu Bulumko,” itshilo eyesibini.



Eli bali libhalwe yaza nemizobo ekulo yazotywa ngokukhethekileyo njengelinye lamabali alishumi akwincwadi ye *Sunday Times Storytime*, neyilelwe ngokukodwa abantwana baseMzantsi Afrika.

This story was especially written and illustrated as one of ten stories in the *Sunday Times Storytime* book, which was created specifically for South African children.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Treyisa okanye ukhuphele umfanekiso owuthandayo kweli bali. Wufakele imibala oyithandayo.
- ★ Bhala izinto ezine ozithandayo ebantwini ezivelayo kweli bali, njengokuthembeka, ngokomzekelo.
- ★ Lifunde eli bali ngokuvakalayo usebenzisa amazwi angafaniyo kumntu ngamnye okweli bali.

### Get story active!

- ★ Trace or copy your favourite picture of this story. Colour it in the colours of your choice.
- ★ Write down four other characteristics that you admire in people, like loyalty, for example.
- ★ Read the story aloud using a different voice for each character.

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

## Iinkonde ziyankqonkqoza

*Ibali laseNtshona Afrika*



## The elders at the door

*A West African tale*

Maryanne Bester • Shayle Bester

**Izinto eninokuthetha ngazo:** Ucinga ukuba kutheni abantu abadala bejongwa njengabantu abakhethekileyo ekuhlaleni? Yahluke njani indlela abantu abadala abaphathwa ngayo kwindlela oluphathwa ngayo ulutsha?

**Ideas to talk about:** Why do you think older people are sometimes viewed as special in the community? In what ways are older people treated differently to younger adults?

“I am Blessing,” said the first elder.  
“Mna ndingunNtsikelelo,” itshilo eyokugala.



The family began to discuss whom they should choose. The eldest child said, “Daddy, your business has not been going so well ... so I think we should invite Blessing to come inside, so that your business can grow. Then we will be blessed with many good things.”




Usapho lwagalisa ukuxoxa ngokuba lukhethe bani na. Oyena mntwana mdala wathi, “Tara, ishishini lakho aliqhubi kakuhle ... ngoko ke ndicinga ukuba simekelelo ukuba angene ngaphakathi, ukuzehishishini lakho likhule. Siya kuthi ke sisikeleleke, siwongwe ngezinto ezininzi nezintle.

Kwakusekusasa kakhulu kwaye kusemnyama. Kwathi gqi izithunzi ezithathu zithe chu kancinane, zithoba indlela, zisingise elalini. Zema phambi komzi othile zaza zankqonkqoza emnyango. Ngaphakathi endlwini, usapho lwaluvukile luthetha qwa. Abantwana babethetha kwaye becula ngamazwi amakhulu, logama umama wabo wayepheka isidlo sakusasa. Kwathi kwakuba kuvuthiwe ukutya, usapho olulambileyo lwahlala phantsi lwathi nqwadalala, lwatya. Kube ngaloo mzuzu kuphela abathi beva ngawo ukunkqonkqozwa kwasemnyango.

It was early morning and still dark. In the shadows, three figures slowly, slowly made their way along the road and down into the village. They stopped outside a house and knocked on the door.


Inside the house, the family was wide awake. The children talked and sang with big voices, while their mother cooked the morning meal. When it was ready, the hungry family sat down to eat. Only then did they hear the knocking.






Ezi nkonde zaphendula zathi, “Ngxatsho ke, ngenxa yokuba nikhethe uThando, sonke siza kungena, kuba kaloku apho kukho uThando, kukho uNtsikelelo noBulumko.”

The elders replied, “Ah, now that you have chosen Love, we will all come in, because wherever Love is, there is also both Blessing and Wisdom.”



Udadewabo wathi, “Hayi, hayibo. ISIZATHU sokuba ishishini lakho lingaqhubi kakuhle kungena yokuba ndinga ubulumko bokulikhulisa. Tara, masimeme ubulumko angene ngaphakathi.”



His sister said, “No, no. The REASON your business is not going well is because you need the wisdom to make it grow. We should ask Wisdom to come in, Daddy.”

Umana uye efestileni waza wakroba. Ngoku izithunzi zazisele ziphelle, nto leyo eyenze ukuba azibone ezo nkonde zilindlele phandle.

“Kukho iinkonde ezintathu apha phandle,” uxcelele utara.

“Zimdaka kwaye zilambile, zifuna ukuncedwa.”

“Kaloku kufuneka uzivulele uzimeme zingene ngaphakathi.”

utshilo umyeni wakhe.

Kwaoko umama waya emnyango waza wazimema ezo nkonde

ukuba zingene ngaphakathi.

“Owu siyabulela kakhulu nkosikazi enobulele, kodwa asikwazi

ukungena sonke ngaxeshanye,” zitshilo ezo nkonde. “Kufuneka

ukhethe abe mye apha phakathi kwethu.”

Umana wabuyela kutara waza wamxela into ethethwa zezo

nkonde.

“Masizibuze amagama azo, size ke sikhethe abe mye kuzo,”

utshilo utara.

Uthe ke umama wabuyela kuzo, waza wazibuza amagama azo.

The mother went to the window and looked out. By now the shadows

had lifted, and she could see the figures waiting outside.

“There are three elders out there,” she said to the father. “They are dirty

and hungry, and need to be taken care of.”

“Then you must open the door and invite them in,” said her husband.

So the mother went to the door and invited the elders in.

“Ah thank you, kind woman, but we never enter together,” said the elders.

“You must choose one of us.”

The mother went back to the father and told him what the elders had

said.



“Then we must ask them for their names and choose one of them,” said

the father.

So the woman went back and asked them for their names.





Kodwa usana, olwalusazi amagama ambalwa, Iona Iwanyanzalisa, luphindaphinda lusithi, "Thando. Thando. Thando." Ngako oko ke usapho alubanga saphozisa maseko ngokuyixoxa kwakhona le nyewe. Lwagqiba ekubeni lummemele ngaphakathi ekhayeni lwalo uThando. But the baby, who knew few words, with great insistence, said over and over again, "Love. Love. Love." So the family discussed the matter no further. They decided to invite Love into their home.



Okokugqibela ke ngoku, umama waphinda waya emnyango. Wema phambi kwezi nkonde wathi, "Sikhethe uThando."

For the last time then, the mother went to the door. She stood before the elders and said, "We have chosen Love."





# Owe-16 KuOktobha LuSuku Lokutya Lwehlabathi

# 16 October is World Food Day

USuku Lokutya Lwehlabathi lwaqalwa ngowe-1979 ukuze kwaziswe abantu ngeengxaki ezidibene nokutya kwaye kuthathwe amanyathelo okulwa indlala, ukungondleki, inkcitho yokutya nobuhlwempu. Izigidi zabantu ehlabathini jikelele azinakutya kwaneleyo, kodwa umhlaba uvelisa ukutya okwaneleyo okunokondla wonke umntu kule planethi.

Iintsapho, izikolo nemibutho yabahlali inganceda ekunikeni abantu abakudingayo ukutya okusandul' ukuveliswa, okusempilweni nokungabizi mali ininzi okanye okusimahla ngokulima igadi zemithi yeziqhamo nezemifuno kuwo nawuphi na umhlaba ofumanekayo baze babelane nabanye ngesivuno!



World Food Day was started in 1979 to increase awareness of the problems with regard to food and to take action against hunger, malnutrition, food wastage and poverty. Millions of people around the world do not have enough to eat, yet the earth produces enough food to feed everyone on the planet.

Families, schools and community organisations can help to provide fresh, healthy and cheap or free foods to those who need it by planting fruit and vegetable gardens in any available space and sharing the harvest!

1



**Sebenzisa imbewu nezithole.** Yabelanani ngeembewu zokutya enikutyayo nabahlobo bakho. Tyalani iimbewu okanye izithole kwiibhokisi zamaqanda okanye kwiiroli zamakhadibhodi. Gcinani umhlaba okwiikhonteyina zezithole ufumile ungekho manzi. Bekani iitreyi zezithole kwindawo enelanga.

**Use seeds and cuttings.** Share some seeds from the foods you eat with your friends. Plant seeds or cuttings in egg boxes or cardboard rolls. Keep the soil in the seedling containers moist, not wet. Put the seedling trays in a sunny place.

2



**Sebenzisa iikhonteyina zasimahla ezisetyenziswa ngokuphindaphindiweyo.** Tyalani izithole zenu kwiibhotile zeplastiki, kwiitoti, kwiingxowa ezindala, kumatayara nakwiibhokisi zamaplanga.

**Use free recycled containers.** Plant your seedlings in plastic bottles, tin cans, old sacks, tyres and wooden boxes.

3



**Sebenzisa umhlaba ngobulumko.** Xhmani iibhotile, iitoti okanye iibhegi ezincinci eludongeni okanye kucingo ukuze igadi yenu ibe nomhlaba ongakumbi.

**Use your space wisely.** Hang the bottles, cans or smaller bags against a wall or fence to make more space for your garden.

4



**Sebenzisa loo nto ninayo.** Fakani amaxolo emifuno, ingca echetyiweyo, iingceba zamaqanda namagqabi eti kwimfumba okanye kumgqamo wekhomposti. Xa loo khomposti ibolile, yisebenziseni ukuze nichumise izityalo zenu.

**Use what you have.** Put your vegetable peels, grass cuttings, eggshells and tea leaves in a compost heap or drum. Once it has rotted, use the compost to feed your plants.

## Ispreyi sezinambuzane esingabizi kangako, nesilula

Sebenzisa izinto ezibulala iintakumba ezingayoniyo indalo ukuze nikhusele izityalo zenu kwiintakumba. Ezi zipreyi azenziwanga ngeekhemikhali ezinetyhefu.

- 1. Izipreyi zeoyile ezibulala iintwala zemithi, ooqongqothwane, ii-whiteflies, ii-thrip nee-mite.** Xuba ikomityi e-1 ye-oyile yokupheka netispuni e-1 yesepha yokuhlamba izitya. Galela iitispuni ezi-3 zalo mxube kwilitha e-1 yamanzi.
- 2. Ispreyi seviniga esibulala ii-slugs, iinyekevu, iimbovane neempukane.** Xuba ikomityi e-1 yeviniga neekomityi ezi-3 zamanzi kunye nehafu yetispuni yesepha yokuhlamba izitya.

## Cheap, easy insect spray

Use environmentally friendly pesticides to protect your plants from bugs. These sprays are not made from poisonous chemicals.

- 1. Oil spray for aphids, beetles, whiteflies, thrip and mites.** Mix 1 cup of cooking oil with 1 teaspoon of dishwashing soap. Add 3 teaspoons of the mixture to every litre of water.
- 2. Vinegar spray for slugs, snails, ants and flies.** Mix 1 cup of vinegar to 3 cups of water and half a teaspoon of dishwashing soap.



Spreya izityalo zakho kwakusasa okanye ngokuhlwa ukuze lo mxube wome ngaphambi kokuba iqine imini lize ilanga litshise amagqabi ezityalo. Spreya izityalo zakho qho emva kweentsuku ezisi-7 ukuya kwezili-10.



Spray your plants early in the morning or in the evening so that the mixture can dry before the sun becomes strong and burns the plant leaves. Spray your plants every 7 to 10 days.



## UNkomo Omkhulu!



Libhalwe nguKoketso Tsemekwane ■ Imizobo izotywe nguHeidel Dedekind

Ngemihla yakudala, uNkomo noKati babehlala kwiNduli YaseToutswemogala. Babehlala kule nduli kunye nazo zonke ezinye izilwanyana. Ubukhulu becala, zonke ezi zilwanyana zazihlala ngoxolo nangemvisiswano.

UNkomo wayekhethekile kwizilwanyana kuba yayinguye yedwa isilwanyana esinomagogolwane. Qho kusasa wayekhupha umogogolwane wakhe, ambhijele emagxeni akhe aze aqhube intlanganiso yebhunga.



Emi apho enxibe ezimbejembeje, uNkomo wayengathi nguthixokazi wokwenene. Wayesisilumko ecebisa ngayo yonke into ezinkulu nezincinane.

Kodwa ke, ngelishwa, zonke izilwanyana zazingamthandi tu uKati. Ezinye izilwanyana zazikholelwa ukuba uKati wayenyebileza ibe zazingamthembi. Yintoni le yayimenza athande ukuchwechwa ebusuku aze emva koko alale yoyi elangeni imini yonke? Zaziqinisekile ukuba ikho into aphezu kwayo uKati lo.

Ngenye imini uKati weza kuNkomo eze kucela icebiso. UKati wabuza, "Nkomo, kutheni wena nezinye izilwanyana ningandithandi nje?"

UNkomo wawele wanxakama, wawubhijela waqina umogogolwane wakhe emagxeni akhe waza wemka engakhange aphenyule.

"Nkomo," wakhwaza uKati, "Ndifuna ukwazi ukuba kutheni ungandithandi nje? Ubufanele ukuba usihoye sonke ibe, nangona usoloko uzinceda ezinye izilwanyana, awukhe undenzele ububele mna."

Yonke imihla uKati wayesiya kuNkomo emphathele izipho, efuna ukwazi ukuba kutheni zonke izilwanyana zingamthandi. Wayesiza izandla zakhe zizele ingca eswiti, esandula ukukhiwa entlanjeni namanzi acwengileyo napholileyo avela emfuleni. Kodwa kungakhathaliseki ukuba wayezama ntoni uKati, uNkomo nezinye izilwanyana babengamthandi. Baqhubeka bengamhoyi uKati, ibe loo nto yenza uKati wakhathazeka kakhulu.

Yaqhubeka le nto de ngenye imini uKati wathi kuNkomo, "Kwanele ngoku," waza wafuduka.

Kwathatha ixesha ngaphambi kokuba iimpuku ziqalise ukudakasa. Ngelo xesha ezinye izilwanyana zeza kuNkomo zize kukhalaza. Zazikhathazeka nyhani. "Nkomo Omkhulu!" zakhwaza zisitsho zigquma yaye zigragrama yaye zikhonya yaye zitswina yaye zikhala.

"Umele wenz' into, Nkomo," wagquma watsho uNgonyama.

"Ziimpuku nje yonke indawo – apho silala khona, apho sityela khona, nkqu nalapho sisela khona," wangqokola watsho uMvubu.

Yaba kungona uNkomo nezinye izilwanyana bewuqonda umsebenzi obalulekileyo owawusenziwa nguKati ebusuku ngoxa bona bonke belele.

Njengenkokeli yaseToutswemogala, uNkomo waqokelela iqela lezilwanyana eziza kukhangela uKati. Bemka bonke besehla benyuka, bemkhangela. Kwaphela iintsuku ezisixhenxe bemkhangela kuyo yonke indawo.

Xa ekugqibeleni bamfumanayo uKati, uNdlulamthi – owayembone kuqala – wasondela kuye. "Kati," watsho uNdlulamthi, "zonke izilwanyana ziyakukhumbula. Asisacingi ukuba uyanyebeleza kwaye kukho into engentle ophezu kwayo. Okukhona sikhathazwa ziimpuku, kokukhona sikukhumbula. Siyakudinga kwaye siyakuthanda. Siyakucela ukuba ubuyele nathi eToutswemogala."



UKati waziva evuya kakhulu njengoko wayehamba ebuyela eToutswemogala nezinye izilwanyana. Qho ebusuku wayesitya iimpuku aze azileqe ezikhupha kuzo zonke iindawo ezizifihle kuzo. Zonke izilwanyana zavuya kakhulu, kodwa esona sasivuye ukuzogqitha yayinguNkomo kuba ngoku kwakuza kuphinda kubekho uxolo nenzolo eToutswemogala. Ibe ukususela loo mini uNkomo noKati baba ziitshomi ezivanayo kwaye uNkomo wayeshiyela uKati intwana yobisi aza kululenca yonke imihla.

### Yenza ibali linike umdla!

- ★ Zoba umfanekiso wempuku.
- ★ Sebenzisa udongwe okanye intlama yokudlala ukuze ubumbe inkomo, ikati nendlulamthi. Sebenzisa izilwanyana zodongwe ukuze ulinganise eli bali.

- ★ Bhala esakho isiphelo seli bali. Masithi uKati wayengazange avume ukubuyela eToutswemogala. Ucinga ukuba ngekwakwenzeke ntoni?



Drive your  
imagination



# Great Cow!

By Koketso Tsemekwane ■ Illustrations by Heidel Dedekind



In the olden days, Cow and Cat lived on Toutswe mogala Hill. They shared this hill with all the other animals. For the most part, all the animals lived together in peace and harmony.

Cow was very special amongst the animals because she was the only animal to have a *mogogolwane*, a beautiful cloak. Every morning she took her *mogogolwane* out, put it around her shoulders and held council.



Standing there in her finery, Cow looked like a real goddess. She was full of wisdom and would give advice on all matters big and small.

Now, sadly, no one liked Cat very much. The other animals believed that Cat was sly and they didn't trust her. Why did she slink around at night and then sleep lazily in the sun the whole day? They were sure Cat was up to no good.

One day Cat came to Cow for some advice. Cat asked, "Cow, why don't you and the other animals like me?"

Cow just lowed, wrapped her *mogogolwane* tighter around her shoulders and walked away without answering.

"Cow," Cat meowed, "I want to know why you don't like me. You are supposed to look after all of us and, even though you always help all the other animals, you never show any kindness towards me."

Every day Cat went back to Cow with gifts, wanting to know why no one liked her. She brought sweet, fresh grass from the valley and sparkling, cool water from the stream. But no matter what Cat tried, Cow and the other animals still did not like her. They kept on ignoring Cat, and this made Cat feel very sad.

This went on until one day Cat said to Cow, "Enough is enough," and moved away.

It took a while before the mice started running amok. This is when the other animals came to Cow to complain. They were very upset. "Great Cow!" they cried as they snorted and growled and bellowed and squeaked and screeched.

"You have to do something, Cow," Lion roared.

"There are mice everywhere – where we sleep, where we eat, even where we drink," grunted Hippopotamus.

It was only then that Cow and the other animals started to realize the important work Cat had done at night while they were all sleeping.

As the leader of Toutswe mogala, Cow called together a search party to look for Cat. They all set off searching up and down, high and low. For seven days they looked here and there and everywhere.

When they finally found Cat, Giraffe – who had spotted her first – stepped forward. "Cat," Giraffe said, "all the animals miss you. We no longer think that you are sly and up to no good. The more the mice plague us, the more we miss you. We need you and we like you. Please come back with us to Toutswe mogala."



Cat felt very happy as she walked back to Toutswe mogala with the other animals. Every night she ate the mice and chased them out of every nook and cranny. All the animals were very happy, but Cow was the happiest because now, once again, there was peace and quiet in Toutswe mogala. And from that day on Cow and Cat became very good friends, with Cow saving a lick of milk for Cat every day.

## Get story active!

- ★ Draw a picture of a mouse.
- ★ Use clay or play dough to make models of a cow, a cat and a giraffe. Use your clay animals to act out the story.

- ★ Write your own ending for the story. Imagine that Cat refused to come back to Toutswe mogala. What do you think would have happened?

# Okokuzonwabisa kwakwaNa'ibali

## Na'ibali fun




- 1.** Ngaba ungathelekelela ukuba aba balinganiswa bakwaNa'ibali babhaqwe phi befunda? Kwibloko nganye, zoba indawo ocinga ukuba aba bantwana bafunda kuyo.

- 1.** Can you imagine where these Na'ibali characters got caught reading? In each block, draw the place where you think the children are reading.




**2.**

1. Yakha amagama anoonobumba ababini okanye ngaphezulu.
2. Sebenzisa unobumba ngamnye osevilini kube kanye kwigama ngalinye.
3. Ngalo lonke ixesha quka unobumba osembindini wevili kumagama akho.
4. Zonke izibizo azivumelekanga.



1. Make words with two or more letters.
2. Use each of the letters in the wheel only once in each word.
3. Always include the letter in the middle of the wheel in your words.
4. No proper nouns allowed.




**3.**

**Sebenzisa uthelekelelo ukuze ugqibezele eli bali. Balisela umhlobo okanye umzali ibali lakho.**

Ngaminazana ithile, kwakukho umfama ogama linguVusi owayenamandla kakhulu. Akakho umntu owayesazi ukuba wenza njani, kodwa wayekwazi ukufunqula iimazi zeenkomo ezimbini ngaxeshanye.

Ngenye intsasa, xa uVusi evuka, wabaleka esihla enyuka ephakuzela. "Inekleyisi yam! Ngubani obe inekleyisi yam yomlingo?" wakhwaza esitsho. "Ngaphandle kwayo onke amandla am emkile ibe ndiza kufana nabanye abantu!"

Wakhawuleza waya ngasefestileni, kanye ngexesha elililo ukuze abone inkwenkwana ibaleka ngesantya esikhulu kakhulu ...



**Use your imagination to complete the story. Tell a friend or parent your story.**

Once upon a time, there was a farmer called Vusi who was very, very strong. Nobody knew how he did it, but he could easily carry two cows at the same time.

One morning, when Vusi woke up, he ran around in a panic. "My necklace! Who has stolen my magic necklace?" he shouted. "Without it I will have lost all my strength and will be just like everyone else!"

He rushed to the window, just in time to see a little boy running off very, very fast ...

AbakwaNa'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Qhagamshelana nathi** nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

Na'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** in any of these ways:



[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)



[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)



[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)



[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)



[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Na'ibali Trust. Translation by Mosekola Solutions. Na'ibali character illustrations by Rico.

UMLAZI  
**EYETHU**

EASTERN CAPE  
**RISING SUN**

POLOKWANE  
**OBSERVER**



Drive your  
imagination

